PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO!

ISIMEMO SEZIMVO ZOLUNTU

IKOMITI YEMICIMBI YESEBE LEZOLIMO, UHLENGAHLENGISO LOMHLABA NOPHUHLISO LWAMAPHANDLE MALUNGA NOMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEMIGANGATHO YEMVELISO ZOLIMO [B15 – 2021]

Ngokuhambelana nenjongo engundoqo yePalamente yokwenza intatho-nxaxheba yoluntu nokulubandakanya kwiinkqubo zowiso-mthetho, iKomiti yeMicimbi yeSebe lezoLimo, uHlengahlengiso loMhlaba noPhuhliso lwamaPhandle imema abantu abanomdla nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo baze babonakalise ukuba banomdla wokwenza intetho ngomlomo **kuMthetho-siHlomelo oYilwayo weMigangatho yeMveliso zoLimo [B15 – 2021].**

UMthetho-siHlomelo oYilwayo weMigangatho yeMveliso zoLimo ufuna ukuhlomela uMthetho weMigangatho yeMveliso zoLimo, wowe-1990, ukuze ufakele inkcazelo uze ufakele izinto endaweni yezinye; ukunikezela ngophicotho-zincwadi zemveliso ukwenzela iinkqubo zolawulo lwempatho; ukwenza izibonelelo zokuba kubekwe iirhafu ngabo bathunyiweyo kwiimeko zokubuyisela iindleko; ukwenza izibonelelo ngakumbi kuMphathiswa ukuze enze imiqathango ephathelele kuphicotho-zincwadi neenkqubo zolawulo lwempatho; kunye nokunikezela ngemiba enxulumene nawo.

Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zibhekiswe kuNks Albertina Kakaza zize ziye kwiKomiti yeMicimbi yezoLimo, uHlengahlengiso loMhlaba noPhuhliso lwamaPhandle, 3rd floor, 90 Plein Street, Cape Town 8000, zi-imeyilelwe ku- PCALRRD@parliament.gov.za okanye zifekselwe ku-086 694 3529 ungadlulanga uLwesihlanu, umhla wama-30 kweyoMsintsi 2022. Ukongenza kwizimvo ezibhaliweyo, nceda ubonakalise umdla wakho wokwenza intetho ngomlomo. Iikopi zoMthetho oYilwayo ziyafumaneka kuNks Albertina Kakaza, iselula - 083 709 8391 okanye ku-www.parliament.gov.za

Sikhutshwe nguNkosi ZMD Mandela; uSihlalo weKomiti yeMicimbi yezoLimo, uHlengahlengiso loMhlaba noPhuhliso lwamaPhandle.

Parliament – Following up on our commitments to the People – Making your future work better